PO Box 24308
Lansdowne
7779

THE GREEN CONNECTION

www.thegreenconnection.org.za

11 Eyethupha 2022

Mongameli Ramaphosa Obekekileyo,

Incwadi Evuliweyo-Isimemelelo SokuValwa KokuHlolwa Kwe-Oil Ne-Gas Olwandle

NjengoSihlalo weKomishoni kaMongameli yoTshintsho lweMozulu, kufanele ukuba uqaphele ukuba i-oil kunye ne-gesi ngamafutha e-*fossil* abangela ukutshintsha kwemozulu akhupha i-*carbon dioxide* (CO2), i-methane (i-80 ephindwe ngaphezu kwe-CO2) kunye nezinye ii-gas ze-greenhouse. Ukuba siyaqhubeka sisebenzisa amafutha e-*fossil* ukwenza amandla, oko kuya kukhokelela ekwandeni kweempembelelo ezigqithisileyo zokutshintsha kwemozulu ezifana; izikhukula, amaza obushushu, imbalela kunye nezaqhwithi. Okukuthi ke kube nefuthe elibi kukhuseleko lokutya kunye nokhuseleko lomhlaba. Ungcoliseko lwamafutha e-fossil (lomoya, umhlaba, nolwandle) nalo luchaphazela impilo yabantu.

Ngelixa ulwandle lunokuthi, kuninzi lwethu, lube nexabiso njengendawo yokuzonwabisa kunye nendawo yokuqhuba ezenkolo okanye inkcubeko, kufuneka sikhumbule kwakhona ukuba ulwandle olusempilweni lubalulekile ebomini njengoko uninzi lwe-oxygen engumoya esiwuphefumlayo (i-50% ukuya kwi-85%) iveliswa zizityalo zaselwandle / kunye ne-plankton). Ulwandle lukwasinceda ukuba simelane nokutshintsha kwemozulu – sesona sithinteli, lufunxa ubushushu obuvela kubushushu behlabathi.

"Uphuhliso lwe-oil ne-gas" luyaqhubeka lukhuthazwa nangona kukho iingozi zoqoqosho. IBhanki yeHlabathi yafunda amazwe ali-12 ase-Sub-Saharan afumanisa i-oil ne-gas eninzi phakathi kuka-2002 no-2020 - kwilizwe ngalinye kula mazwe i-oil ne-gas efunyenweyo yayixatyiswe ngokugqithisileyo, ixesha ukusuka ekufunyanweni ukuya kwimveliso lithathe ixesha elide kunelithenjisiweyo, kwaye nengeniso karhulumente ibisezantsi kunoko bekuqikelelwe.

Asinakwamkela ukuba kwizizukulwana zabalobi kunye noluntu lwaselunxwemeni ukubeka emngciphekweni wokuphulukana nohlobo lokuziphilisa kwabo yinxalenye eyamkelekileyo yotshintsho olufanelekileyo ukusuka kumalahle ukuya kokuhlaziyekayo. Amawakawaka abalobi abakhasayo bathembele elwandle ukuze bondle iintsapho zabo kwaye baphuhlise ubomi obunoqoqosho oluzinzileyo. Imisebenzi ekhoyo kufuneka ikhuselwe.

Siyaqaphela ukuba uMphathiswa wezaMahlathi, ukuLoba kunye nokusiNgqongileyo uqalise uphononongo lokuvavanya iimpembelelo zokusingqongileyo kwiinzame zokuhlola i-oil ne-gas elwandle. Umthetho-siseko wokhuseleko oyinxalenye yomthetho wethu eMzantsi Afrika ungaqinisekisa ukuba akufuneki sithathe amanyathelo ngaphandle kokwazi umngcipheko, kodwa uphando lwe-oil ne-gas elwandle lusaqhubeka.

Ezi zigqibo sele zenziwe, zijongela phantsi amalungelo ethu omgaqo-siseko angokuba kuboniswane nathi malunga nezigqibo ezisichaphazelayo. Uthatho-nxaxheba loluntu luhlala lungahoywa, urhulumente ekhetha ukuvumela ukukhangelwa kwe-oil ne-gas ukuzisa "uphuhliso". Ngenxa yoko, amashishini e-oil ngawo axhamlayo, ngeli xesha thina sithwala umngcipheko weziphumo ezibi kwezentlalo nezoqoqosho. Oku kudla ngokushiya abantu abachaphazeleka ngokuthe ngqo

bengenandlela yimbi ngaphandle kokuya ezinkundleni ukuya kubanga amalungelo abo omgaqo-siseko.

UMzantsi Afrika awufuni kuxinga kwixesha elidlulileyo lamafutha enziwe nge-fossils. Inguqu enobulungisa inokudala imisebenzi emitsha kunye namathuba ezoqoqosho ngokusebenzisa amandla ahlaziyekayo azinzileyo.

Njengomongameli woMzantsi Afrika, sikucela ukuba uvale ukuphononongwa kwe-oil ne-gas elunxwemeni.

Sijonge phambili ukuva kuwe.

Ozithobileyo,

The Green Connection